Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Provense ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2025

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

Esi sikhokelo sokumakisa sinamaphepha ali-10.

This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela** xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyanisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini–amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.


This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Ngokudala imisebenzi. √ (1)

1.1.2 Yenza iimpahla zokunxiba √/ zokunxiba izihlangu √/ izikhafu √ / iijezi√ / imiqhaphu yokufulela izindlu √/ neengubo zokulala. √

[Nasiphi na ISIBINI kwezi] (2)

1.1.3 Uyibalule √ (1)

1.1.4 Kubasebenzi bale nkampani √ kuquka noGqr Mahlathi. √/ kuGqr Mahlathi √ nabasebenzi √. (2)

1.1.5 Sesokuba ixabiso loboya bayo liphantsi kakhulu. √ (1)

1.1.6 Kukususa indlala ingabikho ekhayeni √√/ kukupheliswa kwendlala ekhayeni. √√ (2)

1.1.7 Zidlulisa ulwazi √ kuba zinika iinkcukacha ngoGqr Mahalthi √/zinika ulwazi ngendawo azalelwe kuyo nokufunda kukaGqr. Mahlathi. √ (2)

1.1.8 Le nkampani sele iqashe abantu abangaphaya kwamashumi amabini, sisebenzisa uboya bamafama asakhulayo angaphaya kwamakhulu amathathu. √√ (2)

1.1.9 Ndiyaxhasa ukuchaneka kokubalulwa kokuqeshwa kwabaNtsundu kuba ukuqeshwa kwabo kubeneziphumo zengeniso engummangaliso, oko kubangwa kukuba basebenza ngemveliso yezinto abazithandayo nabakhulele kuzo. √√ (2)

1.1.10 Isakhono sokumamela √/ isakhono sokubhala √/ isakhono sokuhlela uboya √

[Nasiphi na ISIBINI kwezi] (2)

1.1.11 (a) Weliso/ √wokubona √
(b) Ukuzibophelela ngokusayina. √√ (3)

1.1.12 Yokubonelelwa/yokwenzelwa lula iimeko zengqesho/ yokuncedwa kwabasebenzi belvili baqeshwa ngaphandle kweempepha. √√ (2)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

1.1.13 Iphumelele kuba inika iinkcukacha ngale fama ekwabonisa uninzi lwabantu abaxhamle kuyo. √√/ Iphumelele kuba ithetha ngoGqr Mahlathi oliqobokazana eliphume izandla kwicandelo lobufama nokukhulisa uqoqosho lwamaphandle. √√

**OKANYE**

Ayiphumelelanga kuba ingaluluvo lombhali olu bube ubungqina bungekho √√/ kusafuneka ndiyokuphanda ngolu lwazi luvezwa apha kule tekisi ngale fama yoboya. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Iigusha √/ iinkomo √/ amathole √ iihagu. √

[Nasiphi na isiBINI kwezi] (2)

1.2.2 B/ √ dlelweni. √ / B ndlelweni. √ (1)

1.2.3 Yingcinga yokubaluleka kokufuya izilwanyana zasekhaya √/ yokukhathalelwa kwezilwanyana zasekhaya. √ (1)

1.2.4 Yokuveza ixabiso lokufuya. √√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**


This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 4–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku eli-1
- 2–3 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku-2

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.


This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO | |
|---|---|---|---|
| 1. | Qaphela iimpawu zobunzima bokufunda ngokukhawuleza, ezifana nobunzima ekufundeni, ekubhaleni, okanye kwizifundo zezibalo. Oku kuya kukunceda ukuba ukwazi ukuchonga imingeni ojongene nayo utsho ubenesakhono sokoyisa ubunzima bokufunda ngokukhawuleza. | 1. | Thathela ingqalelo izinto ezikwenza ungakwazi ukufunda ngokukhawuleza. |
| 2. | Zenzele izicwangciso zokufunda ezilungele amandla kunye nengqondo yakho. Ngolo hlobo uza kuqinisekisa ukuba iindlela zakho zokufunda zihambelana nesitayile sakho sokufunda. | 2. | Wulungise kwangethuba umsebenzi uqaphelisise ukuhambelana kwawo nendlela yakho yokufunda. |
| 3. | Yenza kwaye ugcine imisebenzi enobungqina obubonakalayo, nobumanyelwayo, ugcine nolwazi oluchanekileyo. Oku kuyakwenza ukuba woyise ubunzima bokufunda ngokuxhomekeka kwiinowuthsi. | 3. | Sebenzisa iindlela ngeendlela zokugcina ulwazi kokubhaliweyo kuphela. |
| 4. | Qaphela iindlela ezikhuthaza ukufunda okunzulu, ezifana nokuphindaphinda isifundo ukuzama ukukhumbula. Oku kuphindaphinda kulola imemori nezakhono zokusombulula iingxaki. | 4. | Okufuna ukufundwa nzulu, kufunde amatyeli amaninzi kuza kubalula ukukhumbula nokuza nezisombululo. |
| 5. | Hlala uzikhuthaza kuba izakhono zinokuphuculwa ngomzamo kunye nokunyamezela. Nikeza ingxelo ngomsebenzi ngamnye owenzileyo ubhiyozele impumelelo yakho. Oko kwakukhulisa umdla nokuzithemba. | 5. | Vuselela umdla nokuzithemba ngokuthi uzincome qho ngempumelelo yakho. |
| 6. | Khuthalela imisebenzi yeqela ekhuthaza inkxaso nofundo ngokwabelana ukuphucula ukuqonda kunye nokugcina ulwazi. | 6. | Thatha inxaxheba kumaqela okufunda, yindlela elula yokugcina okufundisiweyo. |
| 7. | Yiba sokolo ukho egumbini lokufundela ungaphoswa ngumxholo wesifundo kuba wakungabikho egumbini lokufundela uphoswa yinto eninzi uphele ungabaliselwa kakuhle nangokungachanekanga. | 7. | Yibakho qho eklasini kuba wakuphoswa sisifundo nje esinye ulahlekelwa kokuninzi. |
| | | | **[60 amagama]** |

**QAPHELA**: Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Ziggas. √ (1)

3.2 Ungaya eBeacon Bay E.L. √ ungabatsalela umnxeba ku-04370992357. √ ungaqhagamshelana nabo kule webhusayiti www.ziggas.com√

[Nasiphi na ISIBINI kwezi] (2)

3.3 B/ √ Uyithenga nayo/ √ B √. (1)

3.4 Hlawula i 50%, ufotelwe umcimbi wakho. √√ (2)

3.5 Kuyahambelana kuba ukubhabha/ukundiza/ukuhambela phezulu kweDrone kuqinisekisa iifoto ezicacileyo nokufota konke ngokukhawuleza √ Izinga eliphezulu lokufota √/ ziinkcutshe ekufoteni√.

[Nasiphi na isiBINI kwezi] (2)

3.6 Kuyithengisa ngokuthimbayo kuba ulwimi oluyikhaphayo le ntengiso luveza ukufumaneka kwefoto ecacileyo kwamsinyane'. √√/ kuba ukundiza kwesixhobo sokufota kwenza ukuba sikuvelele konke okufotwayo kutsho kubenomsebenzi omhle. √√

**OKANYE**

Akuyithengisi ngokuthimbayo kuba abukho ubungqina obuxhasa oku kuthethwa kwesi sibhengezo ntengiso. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

**[10]**



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 4**

**IKHATHUNI**

4.1 Amanani asebhodini√/ 12345√ (1)

4.2 Tyhini! √ (1)

4.3 Amaqam entetho akhombe emilonyeni kwizithethi.√ (1)

4.4 (a) Uthetha notitshalakazi elele ngesisu √./ emkhomba ngomnwe √/ ebeke esinye isandla esidleleni √
(b) Mamel'apha ... √ (2)

4.5 C/ √ ukufanisa isikolo sasekhaya sikaLunga nezinye izikolo√/ C. √/ ukufanisa isikolo sasekhaya sikaLunga nezinye izikolo. √ (1)

4.6 ULunga mncinci kuba ngumfundi √ uLizy mdala/ mkhulu kuba ngutitshalakazi. √ (2)

4.7 Ndiyavumelana kuba isenokuba uthetha inyani ekwakhusela nesidima selungelo lakhe njengomfundi ofundela ekhayeni. √√

**OKANYE**

Andivumelani kuba impendulo kaLunga bekufanele utitishalakazi uyifumene kumzali wakhe/ impendulo kaLunga ayibonakalisi mbeko akaphenduli le nto ithethwa ngutitshalakazi. √ √ (2)

**[10]**



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

5.1 5.1.1 Kakuhle √ isiphawuli √ (2)

5.1.2 Sesokuba isibizo sandulelwa sisimelabizo sokwalatha. √√ (2)

5.1.3 ... bhetele. √ (1)

5.1.4 B √/ isalathandawo √/ B. √ (1)

5.1.5 Sukulishiya ungalihoyi√√ (2)

5.1.6 Sibonisa ukuba isenzo sisezakwenzeka √√/ ixesha elizayo. √ √ (2)

5.1.7 Umfundi uthe, isichazimagama sisixhobo ekufuneka e√naso kuba siyakum√nceda a√qonde iintsingiselo zamagama.

[Nasiphi na isibini kwezi] (2)

5.1.8 Sisebenze njengesimaphambili √√/ ubonisa isinye. √√ (2)
**[14]**

5.2 **UMFANEKISO**

5.2.1 Usapho √ lu √zimisele ukusebenzisana ngalo lonke ixesha.
Ifemeli √ i √ zimisele ukusebenzisana ngalo lonke ixesha (2)

5.2.2 Abazali bafundisa abantwana ngokuba (ngoba)/ kuba bafuna indlu ecocekileyo. √ √ (2)

5.2.3 Ingqeqesho iqala ekhaya.√
Umntwana ululekwa afundiswe ekhayeni.√ (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

This document was downloaded from www.ecexams.co.za.